



# UNomatse kunye neLanga

Libaliswa kwakhona nguJoanne Bloch

Imifanekiso izotywe nguMieke van der Merwe

Ngenye intsasa, ukuvuka kwezilwanyana, zothuswa kukungabikho kwamkhondo wokuphuma kwelanga esibhakabhakeni ngasempumalanga.

“Ingaba kwenzeka ntoni bethu?” zonke izilwanyana zazimangalisekile kwaye zabuza loo mbuzo kubazali bazo.

“Ncedani bantwana yibani nomonde!” zaxelelwa oko izilwanyana ngabazali bazo. “Namhlanje ilanga inokuba liyonqena ukuphuma. Kwakamsinyane liza kuphuma njengesiqhelo, kwaye siza kutsho sikwazi ukuya kusela amanzi equleni.”

Kodwa izilwanyana zaziphazama. Zalinda, zalinda kodwa kwahlala kumnyama, ilanga lingaphumi. Emva kweeyure ezininzi zilindile, zagqiba kwelokuba zibambe intlanganiso ukuze zixoxe ngale ngxaki zizibona zikuyo.

“Ingaba yintoni esinokuyenza?” kwabuza uMvubu exhalabile.

“Kulula kakhulu,” kwatsho uNdlulamthi. “Kufuneka silikhangele apho likhoyo ilanga. Asikwazi tu ukuhlala ngaphandle kokukhanya!” Zonke izilwanyana zavumelana noku, ngoko ke zagqiba kwelokuba zithi saa kuwo onke amacala ohlukileyo, zikhangele ilanga.

“Ndiza kuqala ndikhangele emithini phaya ehlathini,” watsho njalo uNomatse. Wakhangela kuyo yonke imithi awayedlala kuyo imihla ngemihla. Kuqala zange afumane nto ngaphandle kobumnyama. Xa wayesiya engena ngokungena ehlathini, waqaphela ukukhanya okuluzizi phaya phambili. “Naliyaa!” watsho echulumancile. “Bendisazi ukuba ndiza kulifumana apha ilanga!” UNomatse wayeyichanile indawo elikuyo. Emva kokuhamba esiya phambili isithuba esingangeyure, wade walifumana ilanga, liphithaniswe ngamasebe ashinyeneyo omthi omde. “Ungakhathazeki, Langa!” kwatsho uNomatse. “Ndingaba ndimncinane, kodwa amazinyo am abukhali kakhulu! Ndiza kuwakrukutha la masebe ude ukhululeke kungekudala.”

“Enkosi kakhulu, Nomatse,” lancwina latsho ilanga. “Kudala ndizama ukuzikhulula kulo mthi kwaye sekuqengqeleke iiyure ezininzi nditutsalaza, kodwa ngokuye ndizama, kungona ndiya ndibopheleka nangaphezulu.”

Kwa-oko, unomatse omncinane waqalisa ukukrukra amasebe omthi. Yayingumsebenzi onzima kakhulu lo, kodwa akazange anikezele. Emva kwesiqingatha seyure, lalisele likhululeke kancinane ilanga, kwaze emva kwenye iyure, kwabe sekusele nje amasebe namasetyana amancinane nambalwa asabambe ilanga phezulu emthini. Kodwa ngoku uNomatse wavelelwa yenye ingxaki – njengokuba ekrukra namasebe esiya ephunguka, nelanga lalisiya litshisa kakhulu. Waqalisa ngoku uNomatse ukugeleza amanzi ngumbilo. Kwakamsinyane weva ivumba loboya bakhe burhawuka kwaye buqhuma. Umlomo wakhe wawome nko, kunzima nokuthetha. “Uxolo Langa, kodwa andikwazi kuqhubeka nokukukhulula,” watsho. “Ubushushu bakho buyandoyisa! Jonga, umsila wam uyatsha!”




Ilanga lalinxunguphele lifuna ukukhululeka. “Nceda qhubeka undikhulule, Nomatse!” watsho uLanga. “Kufuneka ndiphume apha kulo mthi ukuze ndikwazi ukukhanyisela ihlabathi yonke imihla. Zonke izilwanyana neentaka zifuna ukukhanya kwam kwakunye nobushushu bam ukuze ziphile.”

UNomatse wayesazi ukuba oko kuyinyaniso. Ngoko ke, nangona uboya bakhe obuhle obumdaka ngebala babujike bamnyama nomsila wakhe utshe waphela, waqhubeka ekrukrutha amasebe elalibhabhiseke kuwo ilanga.

Kwadlula ixesha elide. Ngoku uNomatse wayesele eza kulikhulula ilanga, kodwa amehlo akhe ayebuhlungu kakhulu kangangokuba kwafuneka awavale. Kwakhona, waziva engenakukwazi

ukuqhubeka. “Uxolo Langa,” wacenga watsho, “Ndiyayeka ngoku. Amehlo am onzakele kwaye kufuneka ndiwaphumze.” Kodwa kwakhona ilanga lamcenga, limcela ukuba angayeki koko aqhubeke, waza ke naye wenza njalo.

Ekugqibeleni wayigrenya intsalela yalo lonke ixolo kunye nomthi lowo wawuphithanise ilanga. Kancinane, lanyukela esibhakabhakeni ilanga, laza njengokuba linyuka nje kwakho ukubengezela okupinki okunabele kulo lonke ihlabathi. Njengokuba ilanga linyuka, lalithetha noNomatse. “Enkosi kakhulu, mhlobo wam omncinane!” watsho uLanga. “Usebenze nzima ukundisindisa, kwaye ngokwenza oko usindise zonke izilwanyana neentaka kwakunye nezityalo. Ndingakwenzela ntoni mna ukukubulela?”



UNomatse wacinga imizuzwana. Wayesoloko enqwenela ukubhabha. “Ndinike iimpiko,” watsho, “ukuze ndibhabhe ndintingele phezulu esibhakabhakeni.”

“Kulungile,” latsho ilanga, “ngoku uneempiko ezimbini, kwaye uza kukwazi ngoku ukubhabha ngokukhawuleza kuneentaka. Ngenxa yokuba amehlo akho onzakele ngeliya xesha ubundinceda, uza kulala emini uze uvuke ebusuku. Nangona amehlo akho engasakwazi ukumelana nokukhanya konke-konke, uza kukwazi ukubona kwaye uve kakuhle kakhulu kunjalo nje ebusuku!”

Yiloo nto ke unomatse wajika waba lilulwane nje. Wayexakekile ejikeleza ngobusuku engenalo kwaphela ixesha lokucinga ngokulahlekelwa ngumsila wakhe kwakunye noboya bakhe obubrawuni kwanobomi bakhe njengonomatse ohlala phezulu emithini. Nangona wayengasakwazi ukonwabela ukukhanya kwelanga, wayesabuva ubushushu balo ngaphakathi entliziyweni yakhe.



## SEBENZISA UBUGCISA BAKHO!



- Khuthaza abantwana bakho ukuba bacinge ngesilwanyana esithile,
- baze babalise okanye babhale elabo ibali ngendlela eyenza ukuba esi
- silwanyana sikhangeleke ngohlobo esikhangeleka ngalo, okanye senze
- izinto ngendlela esizenza ngayo.

# UNomatse kunye neLanga

Libaliswa kwakhona nguJoanne Bloch • Imifanekiso izotywe nguMieke van der Merwe



## Umfanekiso

Chitha ixesha elincinci ujonge esibhakabhakeni xa kuphuma ilanga kunye/ okanye ngorhatya. Zoba okanye peyinta umfanekiso wesibhakabhaka ngelinye lala maxesha. Faka uNomatse okanye ilulwane kumfanekiso wakho.



## Ukufunda

Ngaba ungakwazi ukufumana iindawo kwibali apho iLanga lithetha noNomatse? Funda nganye kwezi nxa lenye ngendlela eyahlukeneyo ebonisa ukuba ilanga belivakalelwa njani.



## Ukubhala

Cinga ngesilwanyana. Bhala elakho ibali malunga nokuba kwenzeka njani ukuba esi silwayana sibonakale size sibe njengoluhlobo silulo ngoku. Ukuba udinga uncedo lokubhala phantsi ibali lakho, chazela omnye umntu onokukubhalela phantsi amagama.



## Ubuchule

Zoba imifanekiso yeLanga, uNomatse kunye nelulwane elikwibali. Zifake imibala uze uzincamathisele kwizinti ezinde okanye kwisitro sokusela ukuze wenze oonopopi.

## Ukwenza

Phinda ubalise ibali ngamazwi akho usebenzisa oonopopi obenzileyo.

